

ISIFUNDO SESIKOLO  
SESABATHA SABANTU  
ABADALA

# 1 UBUGOSA

AMANDLA APHEMBELELA  
INTLIZIYO



# 2 UKULUNGISELELA IXESHA LESIPHELO

# Okuqulathiweyo

1	Impembelelo Yezinto Zalo Mhlaba (Disemba 30-Januwari 5)	6
2	Ndiyabona, Ndiyafuna, Ndiyathabatha (Januwari 6-12)	14
3	UThixo okanye Ubutyebi? (Januwari 13-19)	22
4	Ukusinda Kwiindlela Zehlabathi (Januwari 20-26)	30
5	Amagosa Emva Kwe-Eden (Januwari 27-Februwari 2)	38
6	Iimpawu Zegosa (Februwari 3-9)	46
7	Ukuthembeka KuThixo (Februwari 10-16)	56
8	Igalelo Lokubuyisela Isishumi (Februwari 17-23)	64
9	Iminikelo Yombulelo (Februwari 24-Matshi 2)	72
10	Indawo Yobugosa (Matshi 3-9)	80
11	Ityala: Isigqibo Semihla Ngemihla (Matshi 10-16)	88
12	Imikhwa Yegosa (Matshi 17-23)	96
13	Iziphumo Zobugosa (Matshi 24-30)	104

## Iofisi Yabahleli:

12501 Old Columbia Pike  
Silver Spring, MD 20904

## Sityelele Kwi-Web site:

<http://www.absg.adventist.org>

## Onegalelo Elikhulu Esifundweni:

Clifford R. Goldstein

## Umhleli:

Clifford R. Goldstein

## Isekela-mhleli:

Soraya Homayouni

## Umanejala Wopapasho:

Lea Alexander Greve

## Oncedisayo Ekuhleleni:

Sharon Thomas-Crews

## Ohlanganisa Konke EPacific Press:

Wendy Marcum

## Umzobi Nocwangciso:

Lars Justinen

## Oguqulele EsiXhoseni:

Mpumelelo I. Buwa

© 2018 General Conference of Seventh-day Adventists®. Onke amatungelo agodliwe. Akukho ndawo kwiSikhokelo Sokufundwa kweBhayibhile Sesikolo SeSabatha Sabantu Abadala, (uMgangatho oHleliweyo) inokuhlelwa, itshintshwe, ilungiswe, iqhelaniswa, iguqulwe, yandiswa, okanye ipapashwe ngumntu okanye umbutho ngaphandle kokuba, phambi koko, kufunyanwe isigunyaziso esibhalisiweyo esiphuma kwiGeneral Conference of Seventh-day Adventists®. Iiofisi zezahlulo zeGeneral Conference of Seventh-day Adventists® zinegunya lokulungiselela ukuguqulwa kweSikhokelo Sokufundwa kweBhayibhile Sesikolo SeSabatha Sabantu Abadala phantsi kwemigaqathango ekhokelayo emiselweyo. Ilungelo lobunini benguqulelo ezinjalo kunye nokusasaza kwazo kuya kuhlala kulilungelo leGeneral Conference. U"Seventh-day Adventist," "Adventist" kunye ne'logo' yelangatye ziimpawu zorhwebo ezisemthethweni zeGeneral Conference of Seventh-day Adventists® kwaye azinako ukusetyenziswa ngaphandle kokuba, ngaphambi koko, kufunyanwe isigunyaziso esiphuma kwiGeneral Conference. Isikhokelo Sesifundo Sesikolo SeSabatha Sabantu Abadala silungiswa yiofisi ejongene neZikhokelo Zokufundwa KweBhayibhile Ngabantu Abadala kwiNkomfa Eyongameleyo (General Conference) yaBalindi (Seventh-day Adventists®). Isikhokelo esi siphantsi kwenkokhelo yeQumrhu elipapasha izikhokelo zokufunda iBhayibhile. Isikhokelo esipapashiweyo sibonisa igalelo lekomiti yelizwe ngokubanzi ehlola umgangatho nokuvuma kweBhodi yosasazo lweSikolo SeSabatha ukuze ngolo hlobo isifundo singabi ziingcamango zombhali okanye ababhali kuphela.



## Ubomi BomKristu Oligosa

**N**jengamaKristu, sidinga ukuba siyiqonde imeko yokuba nesono kwethu ngaphambi kokuba sisibone isidingo sokutshintsha. Oko kutshintsha kungabakho kuphela nangokucokisekileyo ngoKristu esebenza ngaphakathi kwethu. Okunye ukubonakalisa umsebenzi waKhe ngaphakathi kwethu kukwindawo yobugosa. Nangona ubugosa buquka amacandelo amaninzi obomi bobuKristu, siza kubuchaza ngoku, ngokubanzi, njengokulawula okanye ukuphatha izinto eziphathekayo nezingaphathekiyo ukuze kuzukiswe uThixo.

Njengoko kufundiswa eBhayibhileni, ubugosa, phakathi kwezinye izinto, buba sisixhobo esinamandla ekulweni neengozi zokuthanda ukuba nezinto, okanye ukuthanda ihlabathi jikelele—omnye wemigibe emikhulu emoyeni oluthi utshaba lwemiphefumlo liwubeke phambi kwethu. Abantu abaninzi bayasilela ukuqonda ukuba ubutyebi nezinto zinexabiso eliphantsi, izincasanisi ezenziweyo ezilahlekwa lula yincasa yaso. Ngelishwa, imiphefumlo emininzi iya kulahleka ngenxa yokusilela kwayo ukuzikhulula ekuthandeni kwayo ihlabathi. Iindlela zehlabathi—“inkanuko yenyama, nenkanuko yamehlo, noqhankqalazo lobu bomi” (1 Yohane 2:16)—zinako ukukhandwa, zide ziphetshwe, ngemithetho-siseko yobugosa ethi iphilwe ebomini bethu.

Yiyo le nto kule kota siza kuqwalasela ebugoseni nento obunokusifundisa yona ngendlela yokuphila njengoko uThixo efuna siphile, kuquka inkululeko ekuthandeni ihlabathi, nazo zonke iimbonakalo zalo. Ubugosa kukubonakalisa ngendlela ephathekayo ukumthanda kwethu uThixo, iindlela zokuphila inyaniso esiyinikwe kuKristu. Singamagosa kuba

uThixo wasithanda kuqala.

Ukuphila kwethu ebomi bobugosa, ngoko, kuquka ingqondo yethu [ukuthanda okanye ukuthiya], inguquko, ukuzinikela, ukuzilawula, nokunye okuninzi. Kufuneka sibe ngabakhonzi [izicaka] bakaThixo abathembekileyo nabanokuthenjwa, siphile ubomi obungajonganga kuthi ngokuqhagamshelana noYesu kuko konke esikwenzayo nesikuthethayo. Sifumana kwisikolo sikaKristu ukuba isiphumo sobugosa kukwaneliseka kokuphila ngobulungisa. Kufuneka sifunde ukuba ngabalawuli bezinto zikaThixo ukuze azukiswe, sixhase ngezimali umsebenzi waKhe ukuze ugqitywe.

Amagosa kaThixo ngoko “akhangela esipilini ngokwamanakanibe” (1 Kor. 13:12), kodwa uYesu Yena ubona ngokucacileyo. Unikele kuthi ukuba senze umsebenzi waKhe. Nokuba kukho inkungu yokutsalwa lihlabathi, sise noxanduva lokulawula ngendlela eyiyo t zethu, imali zethu, impilo, nokusingqongileyo. Zizifundo ezi ezilungiselelwe ukusifundisa ngemithwalo yethu njengoko anjalo amagosa nokuba singathini, ngobabalo lukaThixo ukuyizalisekisa loo mithwalo, kungengandlela yokuzama ukuzuzwa umvuzo wokusindiswa kodwa kususiphumo sokuba sesilufumene usindiso.

Ubomi bethu singamagosa angamaKristu bubonakalalisa isimilo sikaThixo ehlabathini. Kukho ubuhle, ulonwabo, nokoyika uThixo ebomini ngokuchasana nomrhiba nomsinga wenkcubeko yethu. Wonke umntu uyalingeka ukuba aphilile ubomi obungenaye uThixo; izilingo zisijikelezile, ngeendlela ezibonakalayo nezirhubuluzayo. NjengamaKristu, ngakumbi amagosa angamaKristu, asiboniswanga kuphela indlela yokusinda kwezi zihendo kodwa, sikwathenjiswa namandla ako ukusinda.

Ekugqibeleni, siza kuva enye kwiintetho zoluvo oluchukumisayo ibhekiswa kuthi: “Andizanga ndinazi; mkani kum, nina nenza okuchasene nomthetho!” (Mat. 7:23), okanye “Hee ke, mkhonzi ulungileyo, uthembekileyo! Ubuthembekile kwiinto ezimbalwa; ndiya kukumisa phezu kweento ezininzi; ngena eluvuyweni lwenkosi yakho!” (Mat. 25:23).

Lithemba lethu nomthandazo wethu ukuba oko kufundiswa bubugosa kwisifundo sale kota kungasinceda kusigcine endleleni eya kwenza ukuba, ngokwenene, ibe ngamazwi aya kuwa kwezethu iindlebe la athi, “Ngena eluvuyweni lwenkosi yakho!”

*UYohane H. H. Mathews, D.Min., eAndrews University, ungumfundisi obekwe izandla osebenze kwezi ndawo: eFlorida, Alabama, Iowa, Missouri, Tennessee, naseNebraska. Namhlanje ungumphathi kwiNorth American Division Stewardship Ministries.*